Itheyibhile engasezantsi sisishwankathelo seetekisi ezibandakanywe kumjikelo ngamnye weeveki ezimbini kwisicwangciso sokufundisa kwicandelo 3. 5

3. 2. 1 Itheyibhile yokunatyiswa kwetekisi

	Ibanga 4	Ibanga 5	Ibanga 6
IKOTA 1			
Iveki 1&2	Ibali, ukubalisa ibali ngawe ulandelelanisa iziganeko	Itekisi enika ulwazi enemifanekiso umz. iitshati/iitheyibhile/imizobo/ iimephu zengqondo/iimephu/ imifanekiso/iigrafu;incoko, ukunika ulwazi ngokokulandelelana kweziganeki	Ibali, umdlalo wolwimi, ipazili yamagama.
Iveki 3&4	Itekisi enika ulwazi umz. ingxelo yendaba/ ukunika ulwazi ngokokulandelelana kweziganeki;imephu	Itekisi enika ulwazi enemifanekiso umz. iitshati/iitheyibhile/imizobo/ iimephu zengqondo/iimephu/ imifanekiso/iigrafu;incoko, ukunika ulwazi ngokokulandelelana kweziganeki	Itekisi enika ulwazi umz. : ingxelo yendaba/ ukunika ulwazi ngokokulandelelana kweziganeki;ileta;itekisi ebonwayo neviwayo umz. intengiso. Incoko
Iveki 5&6	Ibali nenkcazelo yabantu okanye abalinganiswa	Ibali, ukulinganisa, inkcazelo yabantu;isimemo;umyalezo	Ibali; ukubalisa ibali kwakhona ulandelelanisa iziganeko, idayari
Iveki 7&8	Itekisi enika ulwazi: itekisi ebonisa inkqubo/imiyalelo, uluhlu lwezinto.	Itekisi enika ulwazi: itekisi ebonisa inkqubo;imiyalelo; ukunika ulwazi ngokokulandelelana kweziganeko, umdlalo wolwimi.	Itekisi enika ulwazi enemifanekiso umz. iitshati/iitheyibhile/imizobo/ iimephu zengqondo/iimephu/ imifanekiso/iigrafu, itekisi ebonisa inkqubo, imiyalelo;ukunika ulwazi ulandelelanisa iziganeko, ipazili.
Iveki 9&10	Ingoma/umbongo	Ingoma/umbongo	Umbongo, inkcazelo yomntu/ isilwanyana/into/indawo/ isityalo;umdlalo wolwimi

IKOTA 2			
Iveki 1&2	Ibali ngawe ulandelelanisa iziganeko, imiyalezo	Ibali, incoko, isigxeko-ncomo sebali/incwadi(irivyu)	Ibali
Iveki 3&4	Itekisi enika ulwazi enemifanekiso umz iitshati/itheyibhile/umzobo/ imifanekiso/igrafu; ipowusta; izalathiso; inkcazelo yento, itekisi ebonwayo umz ipowusta	Itekisi enika ulwazi enemifanekiso umz. iitshati/iitheyibhile/imizobo/ iimephu zengqondo/iimephu/ imifanekiso/iigrafu;inkcazelo yento/ izityalo/izilwanyana/indawo isishwankathelo	Itekisi enika ulwazi equka ezinye izifundo kwikharityhulamu: umz ingxelo; inkcazelo yento/ isilwanyana/isityalo/indawo; itekisi ebonwayo umz. itshati/itheyibhile/ umzobo njl-njl.
iveki 5&6	Ibali nombongo	Ibali	Ibali ukubalisa ibai ngawe ulandelelanisa iziganeko, idayari/ ileta yobuhlobo, ukulinganisa
Iveki 7&8	Itekisi ebonisa inkqubo/imiyalelo Itekisi enika ulwazi enemifanekiso umz. iitshati/itheyibhile/umzobo/ imifanekiso/igrafu	Itekisi enika ulwazi: Itekisi ebonisa inkqubo;ukunika ulwazi ulandelelanisa iziganeko, ukulinganisa.	Itekisi enika ulwazi enemifanekiso umz. Itheyibhile yexesha namaxesha eenkqubo zikamabonakude/ iitshati/ iitheybhile/imizobo/imifanekiso/ iinkcazelo/isigxeko-ncomo sencwadi/uphando/uxwebhu lwemibuzo/imidlalo yolwimi
Iveki 9&10	**UVAVANYO**		
IKOTA 3			
Iveki 1&2	Ibali, inkcazelo yomntu/ isilwanyana/umlinganiswa, incoko yababini, isigxeko-ncomo sencwadi	Ibali, inkcazelo yomntu/ indawo;ukubalisa ibali ngawe ulandelelanisa iziganeko.	Ibali;ileta yobuhlobo;idayari;iinkcazelo zomlomo zeendawo/abantu/izinto/ izityalo
Iveki 3&4	Itekisi enika ulwazi enemifanekiso umz ukunika ulwazi ulandelelanisa iziganeko/inkqaku lendaba/ingxelo; itekisi ebonwayo umz. ipowusta; isaziso	Incoko emfutshane, Itekisi enika ulwazi enemifanekiso umz. iitshati/ iitheyibhile/imizobo/iimephu zengqondo/iimephu/imifanekiso/ iigrafu, isishwankathelo.	Itekisi enika enemifanekiso umz iitshati/itheyibhile/umzobo /imephu yengqondo/imephu/imifanekiso igrafu/intetho/uphando/ingxelo
Iveki 5&6	Ibali;umbongo	Ibali;umbongo	Ibali;umbongo
Iveki 7&8	Itekisi enika ulwazi enemifanekiso umz iitshati/iitheyibhile/ imizobo/ imifanekiso/iinkcazelo zendawo/ izityalo/izilwanyana/izinto;iinkqubo	Itekisi enika ulwazi enemifanekiso umz iinkqubo;incoko;imiyalelo ;umdlalo wolwimi; itekisi enika ulwazi equka ezinye izifundo kwikharityhulam umz ingxelo	Itekisi enika ulwazi enemifanekiso umz iinkqubo, imiyalelo;itekisi enika ulwazi equka ezinye izifundo kwikharityhulam umz ingxelo;umdlalo wolwimi;imephu yengqondo, isishwankathelo
Iveki 9&10	Umdlalo, ukulinganisa, incoko yabantu ababini, isigxeko-ncomo sencwadi (irivyu)	Umdlalo, incoko yabantu ababini	Incoko, Umdlalo

IKOTA 4			
Iveki 1&2	Incoko, umdlalo wolwimi, ibali	Umdlalo wolwimi, ibali, ukubalisa ibali ngawe ulandelelanisa iziganeko, ipazili yamagama	Ibali, ileta, isigxeko-ncomo sencwadi.
Iveki 3&4	Itekisi enika ulwazi enemifanekiso umz iitshati/iitheyibhile/ imizobo/ imifanekiso/udliwano-ndlebe/ imiboniso yokuthetha (talk show); itekisi ebonwayo umz iipowusta, izibhengezo;imiyalezo	Itekisi enika ulwazi : umz inqaku lemagazini/ingxelo yendaba; ipowusta	Itekisi enika ulwazi ezivela kwezinye izifundo kwikharityulam umz ingxelo; umboniso wentetho (talk show); imidlalo yolwimi; iinkcazelo, iipazili zamagama.
Iveki 5&6	Ibali, umdlalo wolwimi, idayari	Ibali, umbongo, ukunika ulwazi ulandelelanisa iziganeko, isigxeko ncomo - sencwadi	Ibali, umbongo, isigxeko ncomo - sencwadi, ileta yobuhlobo
Iveki 7&8	Incoko;intetho emfutshane;itekisi enika ulwazi;itekisi enika ulwazi enemifanekiso umz ipowusta/ isaziso	Itekisi enika ulwazi ezivela kwikharityulam umz. ingxelo;incoko;ipowusta;itekisi ebonwayo umz. intengiso	Itekisi ebonwayo neviwayo umz. inqaku lemagazini/ ingxelo;ipowusta;intengiso. Incoko, ingxoxo
Iveki 9&10	**UVAVANYO**		

3. 2. 2 Itheyibhile yeentlobo zeetekisi kwisigaba

Itheybhile esezantsi ichaza uluhlu lweentlobo zeetekisi ekufuneka zifundiswe abafundi ukuba bakwazi ukuzibhala. Ezinye iintlobo zeetekisi zinokwenziwa xa kufanelekile. Ezinye zezi tekisi azikho kwitheyibhile yesicwangciso sokufundisa. Oku akuthethi ukuba azinakuba yinxalenye yokufundisa nokufunda kuba nazo zibalulekile.

Izincoko

Uhlobo lwetekisi	Injongo	Isakhiwo setekisi	Iimpawu zolwimi
Isincoko sibalisayo	Ukonwabisa	Ukwazisa abalinganiswa nesimo sentlalo umz. Kudala kwakukho ixhegwazana elidala elalihlala nonyana walo uSabelo. Babesokola kakhulu. Iziganeko ezikhokelela kwingxaki umz. uSabelo wathenga iimbotyi ngayo yonke imali awayeyinikwe ngumama wakhe. Umama wakhe wacaphuka kakhulu. Izisombululo nesiphelo umz, uSabelo wabuya nobutyebi obuninzi baze bahlala ngolonwabo.	Kusetyenziswa umntu wokuqala okanye wesithathu. Sibhalwe kwixesha eladlulayo. Iziganeko ziyalandelelana Amagama aqhagamshela izivakalisi abonisa ixesha. Ngalo ntsasa, emva koko, Sisebenzisa incoko yababini Ulwimi olusetyenzisiweyo lunempembelelo kubafundi umz. izichazi, imifanekiso ngqondweni
Isincoko esichazayo	Ukuchaza into ngokucacileyo	Ukuchonga: ukunika inkcazelo yento engephi umz. Kwakukho isilo esikhulu Inkcazelo : chaza iimpawu zento Umz : Isilo sasinomzimba omkhulu onamaqhakuva amakhulu avuza incindi eluhlaza	Singabhalwa kwixesha langoku okanye ixesha elidlulileyo Yila umfanekiso Sebenzisa amagama Sebenzisa izichazi Sebenzisa imifanekiso ntelekelelo. Umz. isifaniso, isikweko, isimntwiso imfanozandi

ITEKISI EZIMFUTSHANE NEZINDANA (EZILANDELA ISAKHIWO ESITHILE)

Uhlobo lwetekisi	Injongo	Isakhiwo setekisi	Iimpawu zolwimi
Ileta yobuhlobo	Ukugqithisa ulwazi nokugcina ubudlelwane.	Idilesi, umhla nesibuliso. Isakhiwo somyalezo sohluka ngokwenjongo. Unokusebenzisa udidi lwetekisi ngokwebali (jonga ngasezantsi). Umbuliso	Idla ngokuba yengekho sesikweni ngokwesimbo kodwa iyahluka. Iimpawu zolwimi ziyahluka ngokwenjongo yomyalezo.
Ileta yoburhulumente	Ezahlukeneyo umzekelo, ukufaka isicelo somsebenzi okanye inkxaso-mali yemfundo / ibhasari; ukukhalaza, ukucela, njalo njalo.	Idilesi yombhali, umhla, idilesi yomamkeli, isibuliso Inganesihloko Isakhiwo somyalezo siza kwahluka ngokwenjongo, umzekelo, ileta eya kumhleli. Umbuliso, utyikityo/ isignitsha/intsayino-gama.	Isimbo sokubhala sisesikweni. Isebenzisa imigaqo yokusetyenziswa kolwimi umz. mnumzana, nkosikazi, ozithobileyo. Ithe ngqo emxholweni, imfutshane.

Uhlobo lwetekisi	Injongo	Isakhiwo setekisi	Iimpawu zolwimi
Isivi	Ukunika isishwankathelo ngobomi bomntu neziqinisekiso zemfundo.	Iinkcukacha ngawe buqu: Igama, umhla wokuzalwa, ubuzwe, inombolo yesazisi, idilesi, njalo njalo. Iziqinisekiso zemfundo umzekelo, amabanga aphunyelelweyo. Amava onawo ngomsebenzi (xa unawo). Izinto onomdla kuzo. Abantu abanokwenza ingxelo ngokuziphatha kwakho Uyilo nobume bubalulekile.	Icacile – ayikho ngaphezu kwamaphepha ama-2. Izihloko neembumbulwana. Ingqalile kwaye isesikweni ngokwesimbo.
Idayari / ijenali.	Ukubhala nokubonisa amava akho buqu.	Idla ngokubhalwa kwincwadi ekhethekileyo (idayari okanye ijenali). Izingeniso zedayari ezibhaliweyo (umzekelo, ezeveki okanye ezemihla ngemihla). Izingeniso ezibhalwe umhla. Unokusebenzisa udidi lwetekisi ngokwebali.	Sebenzisa ixesha eladlulileyo. Ibhalwa ngokungekho sesikweni. Umbhali uyazibhalela
I-imeyili/sms	Ukwenza nokugcina ulwalamano	Idilesi yomntu eya kuye-kumaxesha amaninzi ligama lalomntu uthunyelwa i-imeyile, iseva kunye nelizwe ekuyo iseva. umz. unathi (igama)@webmail. (iseva)za (ilizwe) • CC : oku kunokuba ngumntu eya kuye i-imeyile, mntu lowo ekufuneka eyinike ingqwalasela i-imeyile Subject : esi sisishwankathelo somxholo we-imeyile • Umyalezo • Igama lomntu othumela i-imeyile Qaphela : Idilesi yomthumeli we-imeliye iyazivelela xa i-imeliye ifika kuloo mntu ithunyelwa kuye. Umthumeli we-imeyile angakhetha ukunikezela enye idilesi ekupheleni kwe-imeyile. Oku kubizwa yisignitsha	Isebenzisa unxibelelwano olufana nentetho.
Isimemo (nempendulo	Ukumemela umntu kumnyhadala okanye ukwenza into (nokusamkela okanye ukusilandula).	Inokuba yimo yeleta eya emntwini okanye kusetyenziswe ikhadi lesimemo. Siquka: Imo yomnyhadala. Indawo eza kuqhubeka kuyo. Umhla nexesha. Sinokuquka nendlela yokunxiba. Igama lommemi. Inokuquka futhi i*RSVP* ekuxelela umntu omawuphendule kuye. Inemilo ebonakaliyo yoyilo. Impendulo inokuba kwimo yenqaku okanye ileta.	Sinokuba sesikweni okanye singabikho sesikweni ngesimbo. Idla ngokucaca gca – imfutshane kwaye ithe ngqo. Sebenzisa amabinzana ngokusemgaqweni. Impendulo esesikweni.

Uhlobo lwetekisi	Injongo	Isakhiwo setekisi	Iimpawu zolwimi
Ukunika izalathiso	Ukuxelela umntu indlela yokuya kwindawo ethile	Sebenzisa indlela ecwangcisiweyo Bhekisela kwindlela ethile Bonisa umgama osondeleyo Nika ulwazi malunga neempawu ezisendleleni	Sebenzisa iziyaleli Sebenzisa izivakalisi ezichanekileyo nezicacileyo
I-obhitshuwari	Ukukhumbula, ukubika / ukwazisa abanye ngokusweleka komntu.	Igama elipheleleyo; umhla wokuzalwa; indawo awazalelwa kuyo; bazali bakhe; ukukhula kwakhe (ukufunda, ukuba ufundile); ukusebenza kwakhe (ukuba ubesebenza); ukuhlabeka kwakhe (uqale nini ukugula); umhla wokusweleka; usapho alushiya ngasemva (iqabane lakhe, abantwana, abantakwabo) namagama abo; amazwi amkhaphayo (anokuquka neziduko nezibongo zakhe).	Isesikweni ngokwesimbo. Sebenzisa ulwimi oluhloniphayo(usishiyile endaweni yokuthi uswelekile. Idla ngokucaca gca. Sebenzisa imigaqo yolwimi umzekelo egameni lamaThile
Imigaqo elandelwayo (umzekelo, imiyalelo, izalathiso nemiqathango)	Ukuchaza okanye ukuyalela ngendlela ekufanele yenziwe ngayo into kulandelwa uthotho lwamanyathelo alandelelanisiwe kakuhle.	Injongo: inkcazelo yoko kuza kwenziwa, umz. *Indlela yokwenza ikayiti* Iimathiriyeli / izixhobo ezifunekayo zidweliswe ngokulandelelana kwazo, umz. *iphepha elikhulu lokuzoba, iipeyinti zokuzoba, njl*. Amanyathelo alandelelanisiwe kakuhle ukufezekisa injongo ethile, umz. *Peyinta* iphepha libe blowu kuqala. Inokukhatshwa yitekisi ebonwayo, umzekelo, iidayagram, iifoto, umz *ibhodi yamabali, imizobo, njl.* .	Ibhalwa ikwisiyaleli, umz. Peyinta. Inokubekwa ngokokulandelelana kwayo ngokwexesha, umz. qala . . . emva koko . . . . Isebenzisa amanani neembumbulwana eziziingongoma ukubonisa ucwangco. Igxininisa kubantu gabalala endaweni yomntu omnye. Kuchazwa unobangela nefuthe.
Isibhengezo / intengiso	Ukutsala nokulukuhla umntu ukuba athenge into okanye inkonzo ethile	Sinokuba ziimo ezahlukeneyo Sebenzisa izilogani neelogo Siba nemifanelaso nemizbo Sebenzisa ubungcaphephe bokwenza izibhengezo-ntengiso. Sebenzisa uyilo ukwenza isibhengezo-ntengiso esitsala iliso nesingalibalekiyo engqondweni.	Izafobe nezigaba zentetho ezisetyenzisiweyo ukudala ifuthe nokwenza nolwimi luhlale lukhumbuleka, umzekelo, isikweko, isifaniso, uphindaphindo, imfanozandi, isingqisho, isingqi.

Uhlobo lwetekisi	Injongo	Isakhiwo setekisi	Iimpawu zolwimi
Ukubalisa ibali ngawe ulandelelanisa iziganeko	Ukubalisa ngamava akho	Intshayelelo: Ukwazisa indawo nexesha okanye imeko yebali lakhe umz. *Ngexesha leeholide* zesikolo. Iziganeko zibaliswa ngokokulandelelana kwazo. *Ndiye kulo Mbasa*. . . . . *Emva koko*. . . . . Kongezwa iinkcukacha ezithile ngesiganeko ngasinye. umz *Uvuyile akundibona*. Isiphelo: Intetho yokuvala ingaquka ingcaciso ethile. *Ndinqwenela ukuba ndingachitha ixesha elininzi noMbasa. Sibe nexesha elimnandi*.	Kusetyenziswa izihlanganisi. Umz Nangona, kuba njl-njl Kugxininiswa kumntu omnye okanye iqela labantu Kungasetyenziswa uhlobo lokubhala olungekho sikweni
Incoko yababini	Kukubhalwa phantsi konxibelelwano njengoko lusenzeka ngokuthe ngqo ngokweembono zesithethi.	Xa ubhala incoko yababini, bhala amagama abalinganiswa ekhohlo ephepheni. Sebenzisa ikoloni emva kwegama lomlinganiswa othethayo. Sebenzisa umgca omtsha ukubonisa isithethi esitsha. Ingcebiso kubalinganiswa (abafundi) ngendlela yokuthetha okanye ukwenza intshukumo ethile makuboniswe kwizibiyeli phambi kwentetho. Bonisa imeko phambi kokuba uqalise ukubhala	Xa incoko yababini ibandakanya amalungu osapho okanye abahlobo indlela yokuthetha ibayileyo ikhululekileyo. Kusetyenziswa iindlela ezaziwayo zokucela, imibuzo, neengcebiso Xa incoko ibandakanya abantu abangazaniyo indlela yokuthetha mayibe yileyo yokufuna ingcebizo/ ulwazi, kwaye yenziwe ngembeko enkulu. Oku kusetyenziswa neendlela ezaziwayo zokucela, imibuzo neengcebiso.
Isigxeko-ncomo sencwadi (book review) (umz. yencwadi okanye	Ukushwankathela, ukuhlalutya nokubonisa uvakalelo kwitekisi yoncwadi okanye edlalwayo.	Umxholo: amagqabantshintshi afana nombhali, umzobi, uhlobo lwetekisi Inkcazo yetekisi: ichaza imiba yetekisi okanye ifilim leyo efana nabalinganiswa abaphambili, izehlo ezibalulekileyo neempawu eziyenza ifaneleke kolo njengolo hlobo lwetekisi (*stylistic features*) Isigqibo: ukuphononongа umsebenzi lowo ngokuvelisa uluvo okanye isigqibo sakho malunga nawo	Ibhalwa ngexesha langoku/ elidlulileyo Ukusetyenziswa kwesigama esincomayo / esibonakalisa ubuncwane betekisi xa iphononongwa, umz. *luncuthu, idlwengula umxhelo, iyahlekisa, ngungqa phambili, iphuphuma lulwazi*.
Inqaku lephephandaba	Ukwazisa, ukufundisa nokonwabisa abantu	Amanqaku abekwa ngendlela ethe ngqo nangendlela emfutshane. Lizama ukwenza ingxelo ngendlela eyiyo kuthathelwa ingqalelo abaphulaphuli Lishwankathela ngokuchanekileyo nangokunyanisekileyo Linika izihloko ezifutshane nezicacileyo kwakunye nezihlokwana Liqala ngawona manqaku abalulekileyo : ngubani, yintoni, njani, nini, phi, ngoba, kangakanani	Ulwimi olucacileyo noluthe ngqo- umntu wesi-3 Lingasebenzisa izixando kuxhomekeka kugqaliso kwaye iyeyiphi eyeyona icela umgeni kubafundi Malibandakanye ucaphulo, iintetho, izimvo neembono ezivela ebantwini ababandakanyekayo okanye iingcaphephe kwisihloko eso.

Uhlobo lwetekisi	Injongo	Isakhiwo setekisi	Iimpawu zolwimi
Inqaku lemagazini		Isihloko masibe nomtsalane kwaye sitsale umdla Isimbo sokubhala mayibe seso sithetha ngqo nomfundi Sisenokuba sesichazayo ukanti sisenokusebenzisa imifanekiso ntelekelelo kwaye sibe sesidlwengula umxhelo womfanekiso ngqondweni wabafundi Amagama, iindawo, nazo zonke ezinye iinkcukacha mazikhankanywe kwinqaku lephephandaba Malivuselele umdla wabafundi ukuze simgcine enamathele kulo	Ucaphulo oluvela ebantwini, ucaphulo oluthe ngqo Imihlathi emidana Imibhalo echazayo Linokusebenzisa umxube wolwimi olusesikweni nolungekho sesikweni oluquka iintetho zemihla ngemihla Imibuzo Ulwimi olucengayo Ukusebenzisa imifanekiso ngqondweni neenkcazelo Sebenzisa iziyaleli Sebenzisa izivakalisi ezichanekileyo nezicacileyo

3. 2. 3 Ubude betekisi kuLwimi Olongezelelweyo LokuQala (emaziveliswe ngabafundi)

Umsebenzi	IBanga lesi-4	IBanga lesi-5	IBanga lesi-6
Umhlathi • **Amagama** • **Izivakalisi**	Amagama angama-30-40	Amagama angama-40-50	Amagama angama-50-60
	Izivakalisi ezi-4-5	Izivakalisi ezi-5-6	Izivakalisi ezisi-6-8
litekisi eziyilwayo zomlomo umz. Ukubalisa ibali ngawe ulandelelanisa iziganeko, ukubalisa ibali, kwakhona, ukubalisa amabali, iintetho ezimfutshane	Umzuzu 1	Umzuzu 1	Imizuzu 1-2
litekisi eziyilwayo ezibhalwayo neetekisi ezinika ulwazi umz. ukubalisa unika inkcazo ulandelelanisa iziganeko, amabali, iingxelo	Amagama angama-50 ubuncinane Umhlathi o-1 -2	Amagama ali-100 ubuncinane Imihlathi emi-2-4	Amagama ali-150 ubuncinane Imihlathi emi 3-5
litekisi ezindana ezinesakhiwo esithile umz. iileta	Umxholo wodwa amagama angama 40-60	Amagama angama 60-80	Amagama angama-80-100
litekisi ezimfutshane umz. • **Imiyalezo, amanqaku** • **Idayari, iinkcazelo njl-njl**	Amagama angama-20-30 Amagama angama -30-40	Amagama angama -30-40 Amagama angama -40-50	Amagama angama -40-60 Amagama angama -50-60
Izishwankathelo	30-40 amagama ukusuka kwi-100	40-50-amagama ukusuka kwi-120	60-70 amagama ukusuka kwi-180

3. 2. 4. Ubude betekisi yolwimi Lokuqala Olongezelelweyo (abafundi abazakusebenza ngazo)

Umsebenzi	Ibanga 4	Ibanga 5	Ibanga 6
Isicatshulwa esiphulaphulwayo esidana umz. amabali, udliwano-ndlebe, imidlalo	Amagama a-100-150 ukuya kwimizuzu emi-5	Amagama a-100-200 ukuya kwimizuzu emi-5	Amagama a-150-250 ukuya kwimizuzu emi-5
Isicatshulwa esiphulaphulwayo esifutshanana umz. izaziso, imiyalelo, izalathiso	Amagama angama-40-60 kwimizuzu 1-2	Amagama angama-50-70 kwimizuzu 1-2	Amagama angama 60-80 kwimizuzu 1-2
Isicatshulwa esifundwayo/ iitekisi ezininzi ezifundwayo	Amagama angama 100-150	Amagama angama 150-200	Amagama angama 200-250

Ubude beteekisi ezongezelelweyo abumiselwanga kuba oku kuxhomekeke kuhlobo lwetekisi, ubunzima bolwimi nomgangatho wokufunda wabafundi.

3. 2. 5 Isigama ekufuneka befikelele kuso abafundi boLwimi Lokuqala Olongezelelweyo

	Term	1	2	3	4
Isigama **Amagama aqhelekileyo asetyenziswa kwintetho**	Ibanga 4	1600–2000	1700–2500	1850–3000	2000–3500
	Ibanga 5	2200–3750	2400–4000	2700–4250	3000–4500
	Ibanga 6	3250–4750	3500–5000	3700–5250	4000–5500
Isigama esifundwayo (amagama amatsha	Ibanga4	750–1700 (75–250)	800–1900 (75–250)	900–2200 (75–250)	1000–2500 (75–250)
	Ibanga 5	1250–2700	1500–3000	1750–3300	2000–3500
	Ibanga 6	2200–3800	2400–4200	2700–4600	3000–5000

3. 3 IZICWANGCISO ZOKUFUNDISA

Isicwangciso sokufundisa sibonisa umlinganiselo womxholo omawufundiswe rhoqo kwiveki ezimbini kwikota nganye. Ootitshala abanyanzelekanga ukuba benze wonke umxholo owabelwe umjikelo weveki ezimbini. Ukulandelelana komxholo odwelisiweyo awusosimiselo kwaye ixesha elinikiweyo kukubonisa ixesha elisondeleyo elibonisa ukuba kungathathwa ixesha elingakanani ukufundisa umxholo lowo. Unokungalandelwa njengoko unjalo. Ootitshala mabazenzele esabo isicwangciso. besebenzisa iincwadi zabo baze bafundise umxholo ngekota ngokolandelelwano nesantya esisiso. Ootitshala bayakhuthazwa ukuba basebenzise umxholo ohambelana neemeko zabo.

3. 3. 1 Ingaba iitekisi zinxulumana njani kumjikelo weeveki ezimbini

Iitekisi ezahlukileyo zisetyenzisiwe njengesiseko sokuyila umjikelo weeveki ezimbini zokufundisa. Zikhethwe ngesizathu sokuba zinonxulumano, umz abafundi baza kuphulaphula ibali baze balifunde. Baza kuyalelwa ukuba babhale inkcazelo emfutshane yomlomo yendawo okanye yomntu (inkcazelo leyo eza kuhambelana nebali) okanye bangabhalela umlinganiswa osebalini ileta. Khetha umxholo womjikelo ngamnye weeveki ezimbini oza kubangela ukuba unxulumanise imisebenzi ngempumelelo. Isizathu sokusebenzisa imixholo kukwenza ukuba kube lula ukuvelisa rhoqo isigama nezakhi zolwimi kwiimeko ezinentsingiselo.

3. 3. 2 Ingaba iitekisi/ imisebenzi ilandelelaniswa njani kumjikelo weeveki ezimbini

Iitekisi akunyanzelekanga ukuba zifundiswe ngolandelelwano oluthile. Kumaxesha amaninzi kufuneka kubekho umsebenzi wokuPhulaphula nokuThetha / itekisi ukulungiselela ukufunda okanye umsebenzi obhalwayo. Ngamanye

amaxesha imisebenzi yokuPhulaphula nokuThetha mayisekelwe kwitekisi ebhalwayo. Abafundi kufuneka basebenze ngeetekisi ezahlukileyo ngokuthi bathethe okanye bafunde phambi kokuba babhale ezi tekisi. Kumaxesha amaninzi itekisi emanyelwayo umz. ibali okanye ingxelo yeendaba iyakuba kwinqanaba eliphezulu kunaleyo abantwana baza kuyifunda. Oku kwenziwa yinto yokuba izakhono zabo zokuphulaphula ziphuhle ngaphezulu kwezakhono zabo zokufunda.

3. 3. 3 Udidi lweetekisi ezimiselweyo nezo kucetyiswa ukuba zenziwe.

Kukho iitekisi ekumiselwe ukuba zifundiswe kumjikelo ngamnye weeveki ezimbini. Ezi tekisi zibalulwe kwisicwangciso sokufundisa kwaye kufuneka sibandakanywe kwincwadi zokufunda ezimiselweyo. Kumaxesha amaninzi akukho bali limiselweyo. Ukhetho lungenziwa kwintlobo ngeentlobo zamabali angoku, amabali anika umfanekiso ngqondweni (umz amabali anobungozi, amabali enzululwazi) amabali angembali (umz. amabali ngembali yomntu) amabali emveli (umz. iintsomi) afumanekayo. Kukwanjalo nakwimibongo nemidlalo yeqonga.

Kukwakho icandelo elinesihloko esithi" Ukuveza izimvo zakho malunga netekisi oyifundileyo". Ezi iya kuba ziitekisi ezikhethwe kwincwadi yokufunda/kwezinye iincwadi kwaye ziza kuxhasa iitekisi ezifundiweyo kwicandelo leetekisi ezimiselweyo. Zisenokuba luhlobo lweetekisi ezifanayo (ukugxininisa ukuqondwa kwesakhiwo setekisi) okanye itekisi eyahlukileyo (ukuvuselela ngakumbi umdla nokwandisa ummandla wokukwazi ukufunda). Kwiimeko zonke oku kufunda kongezelelweyo makuhambelane nesihloko nomxholo okhethiweyo weetekisi ezimiselweyo kumjikelo weeveki ezimbini.

3. 3. 4 Inani leetekisi eziphambili kumjikelo weeveki ezimbini.

Ekuqaleni konyaka kubakho itekisi yohlobo olunye okanye umsebenzi kumjikelo weeveki ezimbini. Emva koku kuya kubakho uhlobo lweetekisi ezimbini maxa wambi zibentathu kumjikelo weeveki ezimbini. Fundisa ezi ntlobo zeetekisi nemisebenzi ezalana nazo uthathela ingqalelo ukuba abafundi baza kusebenza ngezi tekisi amaxesha amaninzi apha enyakeni.

3. 3. 5 Zifundiswa njani izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi

Icandelo lomxholo lezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ezininzi izalana nohlobo lwetekisi emiselweyo phantsi kezihloko zokuPhulaphula nokuThetha, ukuFunda nokubukela nokuBhala lweyo phantsi kezihloko zokuPhulaphula nokuThetha, ukuFunda nokuBukela nokuBhala nokuNikezela kwaye xa kusetyenzwa ngeetekisi nangexesha elabelwe uPhulaphula nokuThetha, ukuFunda nokubukela nokuBhala nokuNikezela ukuthathelwa ingqalelo kwezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kuyakuzenzekela. Umzekelo ukuba kwenziwa ibali abafundi bayakulifunda besebenzisa ixesha elidlulileyo kwaye baya kufunda ibali besebenzisa eli xesha. Ngoko ke kubalulekile ukuba imisebenzi eyenziwayo igqale kuhlolo oluthile lwezakhi zolwimi kwimeko ethile. Khetha umba kwicandelo lezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi ulwimi oluza kufundiswa abafundi olufumaneka kwitekisi leyo kugqalwe kuyo kwaye ngendlela exhasa indlela ezenzekelayo necwangciswe kakuhle yokufunda ulwimi. Ayiyiyo yonke imiba emayifundiswe kumjikelo othile kodwa qinisekisa ukuba ukuba yonke imiba edweliswe kumagqabantshintshi yenziwe ekupheleni konyaka.

Yila imisebenzi enentsingiselo kubafundi kwaye ezalana netekisi leyo bayifundayo kumjikelo weeveki ezimbini. Imisebenzi emininzi elolu hlobo mayenziwe njengoko abafundi beqhubela phambili ukusuka kwibanga lesi-4 ukuya kwibanga lei-6. Khetha ngenkathalo ukuba ngowuphi umgaqo oza kuwucacisela abafundi wenze okuncinane koku. Ukuziqhelanisa nezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kuya kuphucula ezi zakhono. Ukufundisa makunxulunyaniswe nazo zonke izakhono zolwimi nezinye izakhi zolwimi kuba konke kuyazalana. Konke oku makufundiswe kwimeko ethile. Qaphela kodwa ukuba kukho ixesha elithile elabelwe ukufundisa okusesikweni kwezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi.

3. 4. UMXHOLO NEZICWANGISO ZOKUFUNDISA ZOLWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

IBANGA LESI-4

IBANGA LESI-4 IKOTA YOKU-1				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI 1-2	**Ukuphulaphula amabali** Ukukhetha amabali ale mihla, amabali emveli, amabali elo xesha angeyonyani, ibali ngaye/odela-ngozi/ onwabisayo/amangalisayo/angezinto ayinyani, Isicatshulwa/itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Ukuphendula imibuzo elula • Ukubalisa ibali ngokulandelelana kweziganeko ngokufanelekileyo • Ukubiza abalinganiswa ngokufanelekileyo • Ukuvakalisa izimvo zakhe ngebali **Ukubalisa iziganeko ngokulandelana** • Ukunxulumanisa namava akhe • Ukukhetha isihloko esifanelekileyo • Ukunamathela kwisihloko • Ukubalisa iziganeko ngokulandelelana kwazo **Ukuziqhelanisa nokuphulaphula nokuthetha** **Khetha ibenye ukulungiselela ukuziqhelanisa** • Ukulinganisa isicengcelezo esilula, umbongo, ingoma elula • Ukuphendula ngokulinganisa kwimiyalelo • Ukudlala umdlalwana olula wolwimi	**Ukufunda ibali** Isicatshulwa/itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Phambi kokufunda : Thelekelela okuza kwenzeka ebalini ukusebenzisa isihloko nemifanekiso • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda, umz: ukuthelekelela, ukusebenzisa izandi, ukusebenzisa izikhokelo • Ukuphendula imibuzo ngesicatshulwa • Ukuchaza umxholo webali uchonge abalinganiswa abaphambili • Ukubalisa ibali kwakhona ulandelelanisa iziganeko • Ukuvakalisa imvakalelo zakhe ngebali **Ukukwenza imisetyenzana ebhekiselele kwibali ekhangela ukuba bayalilandele na? (Ngomlomo/ukubhala)** • Ukuxoxa ngesigama kwitekisi/ isicatshulwa ebesifundwa • Ukupela amagama alishumi abhekiselele kwitekisi ebifundwa • Ukusebenzisa isichazi-magama ukuhlaziya ukulandelelana koonobumbha **Ukuveza izimvo zakhe kwitekisi azifundele ngokwakhe /ngababini** • Ukubalisa ibali kwakhona okanye ukuchaza iingcinga eziphambili	**Ukubhala ibali** • Ukubhala izivakalisi ngebali, umz. ushwankathela okanye afakele isiphelo sebali • Ukubhala izivakalisi ukuvakalisa uluvo lwakhe ngebali • Ukusebenzisa iziphumlisi ngokufanelekileyo **Ukubhala ukubalisa kwakhona ngawe ukusebenzisa isakhelo, umz. 'Izolo ndi. . . . . Ndaza nda. . . . . '** Isicatshulwa/itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Ukusebenzisa isakhelo • Ukunxulumanisa namava akhe • Ukukhetha intloko • Ukunamathela kwisihloko • Ukubalisa iziganeko ngokokulandelelana kwazo **Ukuyila isichazi-magama sakhe** • Ukulebheyibhela amaphepha ukusebenzisa oonobumba • Ukubhala amagama amahlanu neentsingiselo zawo	**Ukusebenza ngamagama** • Ukupela amagama aqhelekileyo ngokufanelekileyo esebenzisa isichazi-magama. • Ukusebenzisa isichazi-magama ukukhangela upelo neentsiingiselo zamagama. **Ukusebenza ngezivakalisi** • Ukuqonda ukusetyenziswa kwezibizo- isinye nesininzi, umz. 'incwadi-iincwadi'. • Ukuqaphela izibizo ezingena sininzi umz. ' ukutya-ukutya. • Ukwakha kulwazi lwakhe lwangaphambili lwexesha langoku **Isigama kwisicatshulwa/kwitekisi ekhethiweyo** • Izithetha-ntonye (amagama athetha into enye), umz. 'ukufa – ukubhubha'

IBANGA LESI-4 IKOTA YOKU-1				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI 3-4	**Ukuphulaphula izicatshulwa/ iitekisi ezinika ulwazi, umz. Ingxelo yeendaba elula, isicatshulwa esinika ulwazi.** Isicatshulwa/itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Ukuphendula imibuzo • Ukuchaza iziganeko • Ukwabelana ngezimvo, ukunika ezakhe izimvo **Ukubalisa ngezicatshulwa ezinika ulwazi ezisekelwe kumava akhe.** • Ukubalisa ngesiganeko ukusebenzisa izivakalisi ezi-3 ubuncinci • Ukukhetha umxholo ofanelekileyo • Ukuxela iziganeko elandelelanisa iziganeko ngendlela efanelekileyo **Ukuphulaphula uze uphendule imibuzo malunga nezalathiso ezilula** • Ukulandela izalathiso • Ukubonisa ukuqonda isigama esisetyenziswa kwizalathiso, umz. ‘ekunene, ekhohlo, phezulu, phantsi **Ukuziqhelanisa nokuphulaphula nokuthetha** **Khetha ibenye ukulungiselela ukuziqhelanisa** • Ukulinganisa isicengcelezo esilula umbongo , ingoma elula • Ukuphendula ngokulinganisa kwimiyalelo • Ukudlala umdlalwana olula wolwimi	**Ukufunda itekisi enika ulwazi umz. Ingxelo yeendaba elula, isicatshulwa esinika ulwazi.** Isicatshulwa/itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Phambi kokufunda : Ukuthelekelela okuza kwenzeka ebalini ukusebenzisa isihloko nemifanekiso • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda, umz: ukuthelekelela, ukusebenzisa izandi, ukusebenzisa izikhokelo • Ukuxoxa ngesihloko kunye nesihlokwana, isihloko sephepha-ndaba **Ukwenza imisetyenzana ebhekiselele kwibali ekhangela ukuba balilandele na? (Ngomlomo/ ukubhala)** • Ukuphendula imibuzo ngengcinga engundoqo neenkcukacha ezichanekileyo • Ukuchaza intsingiselo yamagama angaqhelekanga **Ukufunda imephu elula** • Ukuchonga iindawo kwimephu • Ukuchaza indllela kwimephu esebenzisa isigama esinxulumene nezalathiso **Ukuveza izimvo zakhe kwitekisi azifundele ngokwakhe /ngababini** Ukubalisa ibali kwakhona okanye ukuchaza iingcinga eziphambili	**Ukubhala itekisi enika ulwazi / ukubhala inqaku leendaba ezibhekiselele kumava akhe** • Ukubhala izivakalisi malunga neziganeko ezithile esebenzisa isakhelo • Ukukheth a umxholo ochanekileyo • Ukubhala intloko • Ukusebenzisa isigama esifanelekileyo • Ukusebenzisa igrama, upelo neziphumlis ezifanelekileyo • Ukulungisa upelo esebenzisa isichazi-magama **Ukuleyibhela imephu** • Ukubhala amagama eendawo neempawu ezithile emephini **Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichaz- magama sakhe.** • Ukusebenzisa imizobo okanye izivakalisi esebenzisa amagama okanye iinkcazelo ukubonisa intsingiselo	**Ukusebenza ngamagama** • Ukwakha kulwazi lwakhe lwangaphambili malunga nesigama asisebenzisa rhoqo **Ukusebenza ngezivakalisi** • Wakha kulwazi lwakhe lwangaphambili lokusetyenziswa kwezichazi, . umz. ‘intombi entle’ • Ukuqonda aze asebenzise izenzi ukuchaza isenzeko • Ukwakha kulwazi lwakhe lwangaphambili lokuqonda nokusebenzisa amaxesha, umz. ixesha langoku. ’Umama uyapheka’ • Ukuqalisa ukusebenzisa izihlanganisi ukwakha izivakalisi ezimbaxa, umz, ‘. Akanxibanga kodwa kuyabanda’ **Isigama kwisicatshulwa/kwitekisi ekhethiweyo** • Izichasi, umz. ‘Mhle-mbi’

IBANGA LESI-4 IKOTA YOKU-1				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI 5-6	**Ukuphulaphula ibali** Isicatshulwa/itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Ukuphendula imibuzo elula • Ukubiza amagama abalinganiswa ngokuchanekileyo • Ukuphulaphula inkcazelo yabalinganiswa aze andule ukuchonga abalinganiswa abafanelekileyo • Ukuvakalisa imvakalelo zakhe malunga ne balana **Ukunika inkcazelo yabantu/ abalinganiswa** • Ukuchaza inkangeleko yabantu • Ukusebenzisa amagama ambalwa amtsha abefundwe kwibalalna • Ukusebenzisa izichazi **Ukuziqhelanisa nokuphulaphula nokuthetha** **Khetha ibenye ukulungiselela ukuziqhelanisa** • Ukulinganisa isicengcelezo esilula, umbongo, ingoma elula • Ukuphendula ngokulinganisa kwimiyalelo • Ukudlala umdlalwana olula wolwimi	**Ukufunda ibali** Isicatshulwa/itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Phambi kokufunda : Thelekelela okuza kwenzeka ebalini ukusebenzisa isihloko nemifanekiso • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda umz: ukuthelekelela, ukusebenzisa izandi, ukusebenzisa izikhokelo • Ukuphendula imibuzo ngesicatshulwa • Ukuchaza umxholo webali uchonge abalinganiswa abaphambili • Ukubalisa ibali kwakhona ulandelelanisa iziganeko • Ukuvakalisa imvakalelo zakhe ngebali **Ukwenza imisetyenzana ebhekiselele kwibali ekhangela ukuba balilandele na? (Ngomlomo/ ukubhala** • Ukuphendula imibuzo ngengcinga engundoqo neenkcukacha ezichanekileyo • Ukuchaza intsingiselo yamagama angaqhelekanga **Ukuziqhelanisa nokufunda** • Ukufunda ngokuvakalayo ukusebenzisa indlela yokubiza amagama efanelekileyo nangokubonisayo **Ukuveza izimvo zakhe kwitekisi azifundlele ngokwakhe /ngababini** • Ukubalisa ibali kwakhona okanye ukuchaza iingcinga eziphambili	**Ukubhala ngebalana** • Ukubhala izivakalisi ngebalana, umz. Isishwankathelo, okanye afakele isiphelo • Ukubhala izivakalisi zakhe ngebali ukuvakalisa uluvo okanye iimvakalelo zakhe • Ukusebenzisa iziphumlisi ngokufanelekileyo. **Ukubhala inkcazelo yabantu/ abalinganiswa esebenzisa isakhelo** • Ukubhala izivakalisi ukuchaza inkangeleko yabantu • Ukusebenzisa amaganyana ambalwa awafunde ebalini • Ukusebenzisa izichazi • Ukulungisa upelo esebenzisa isichazi-magama **Ukubhala amagama neentsingiselo zakhe kwisichazi-magama** • Ukusebenzisa imizobo okanye izivakalisi esebenzisa amagama okanye iinkcazelo ukubonisa intsingiselo	**Ukusebenza ngamagama** • Ukuqhawula amagama ngokwamalungu, umz. ‘ha-, -mba’ • Amagama anezandi ezimbini ukuya kwezine, umz. ‘dl, gq, tyh, ngcw’ **Ukusebenza ngezivakalisi** • Ukwakha kulwazi lwakhe lwangaphambili lokusetyenziswa kwesivumelanisi sentloko, umz, ’Umama **u**pheka inyama’ • Ukusebenzisa ixesha elidlulileyo • Ukusebenzisa izichazi, umz. ’Unamehlo amancinci ‘ • Ukusebenzisa izihlanganisi **Isigama kwisicatshulwa/kwitekisi ekhethiweyo** • Ukusebenzisa izibizo ezimbaxa, umz. ‘utatomkhulu’

IBANGA LESI-4 IKOTA YOKU-1				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI **7-8**	**Ukuphulaphula uze uukulandela imiyalelo** umz . iresipi/imiyalelo yokwenza into ethile Isicatshulwa kuvimba katitshala • Ukuphendula imibuzo • Ukubuza imibuzo ukufumana ulwazi • Ukuphulaphula aze aphendule ngokufanelekileyo • Ukuchaza izinto ekufuneka zenziwe **Ukunika imiyalelo elula** • Ukusebenzisa inkcukacha ezichanekileyo • Ukusebenzisa ukuukulandelana kweziganeko ngendlela efanelekileyo • Ukusebenzisa iziyaleli **Ukuziqhelanisa nokuphulaphula nokuthetha** **Ukukhethaibenye ukulungiselela ukuziqhelanisa** • Ukulinganisa isicengcelezo esilula, umbongo, ingoma elula • Ukuphendula ngokulinganisa kwimiyalelo • Ukudlala umdlalwana olula wolwimi	**Ukufunda izicatshulwa/iitekisi eziukubonisa inkqubo umz** iresipi/ imiyalelo yokwenza into ethile • Isicatshulwa kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Phambi kokufunda : Thelekelela okuza kwenzeka ebalini ukusebenzisa isihloko nemifanekiso ngononophelo • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda, umz: ukuthelekelela, ukusebenzisa izandi, ukusebenzisa izikhokelo • Ukuphendula imibuzo ngesicatshulwa • Ukuchaza izinto ekufuneka zenziwe • Ukuxoxa ngeenkcukacha ezichanekileyo • Ukuxoxa ngokulandelelana kwemiyalelo • Ukulandela imiyalelo **Ukuziqhelanisa nokufunda** • Ukufunda ngokuvakalayo ukusebenzisa indlela yokubiza amagama efanelekileyo nangokubonisayo **Ukuveza izimvo zakhe kwitekisi azifundlel ngokwakhe /ngababini** • Thelekisa iincwadi azifundileyo	**Ukubhala imiyalelo elula esebenzisa isakhelo** • Ukunombola imiyalelo • Ukusebenzisa iinkcukacha ezichanekileyo • Ukulandelelanisa iziganeko/inkqubo ngendlela efanelekileyo • Ukubhala imiyalelo esebenzisa isakhelo • Ukusebenzisa izenzi ngendlela efanelekileyo • Ukulungisa upelo esebenzisa isichazi-magama **Ukubhala uluhu lwezihloko** • Ukubhala uluhlu lwezinto • Ukusebenzisa uyilo olufanelekileyo • Ukunika uluhlu isihloko • Ukusebenzisa isinye nesininzi ngokufanelekileyo **Ukubhala amagama neentsingiselo zakhe kwisichazi-magamaa** • Ukusebenzisa imizobo okanye izivakalisi esebenzisa amagama okanye iinkcazelo ukubonisa intsingiselo	**Ukusebenza ngamagama** • Ukupela amagama ngendlela efanelekileyo esebenzisa isichazi-magama • Ukusebenzisa isichazi-magamaa ukukhangela iintsingiselo zamagama nopelo olululo **Ukusebenza ngezivakalisi** • Ukusebenzisa isiyaleli • Ukuqonda asebenzise isilanduli • Ukusebenzisa intetho ngqo • Ukusebenzisa ixesha elidlulileyo. umz ‘ndigqibile’ • Ukusebenzisa ixesha elizayo ukubonisa into esenza kwenzeka umz. ‘ndiza kuhamba’ **Isigama kwisicatshulwa/kwitekisi ekhethiweyo** • Amagama athathwe kwitekisi ebifundwa eklasini/ebezifundela eyedwa

IBANGA LESI-4 IKOTA YOKU-1				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI **9-10**	**Ukuphulaphula ingoma/umbongo olula** Isicatshulwa/itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Ukukhumbula ingcamango engundoqo • Ukuxoxa ingcinga ephambili • Ukunxulumanisa namava akhe • Ukuchonga imvano ziphelo nesingqisho • Ukuchonga amagma aqala ngesandi esinye • Ukuvakalisa imvakalelo zakhe kwitekisi • Ukuvuma ingoma/imigcana ekhethiweyo **Ukudlala umdlalo wolwimi oqatha** • Ukulandela izalathisi ngokufanelekileyo • Ukusebenzisa isigama esahlukileyo esininzi • Ukunikana amathuba okuthetha **Ukuziqhelanisa nokuphulaphula nokuthetha** **Ukukhethaibe nye ukulungiselela ukuziqhelanisa** • Ukulinganisa isicengcelezo esilula, umbongo , ingoma elula • Ukuphendula ngokulinganisa kwimiyalelo • Ukudlala umdlalwana olula wolwimi	**Ukufunda umbongo /iimibongo** Isicatshulwa/itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Phambi kokufunda : Ukuthelekelela okuza kwenzeka ebalini ukusebenzisa isihloko nemifanekiso ngononophelo • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda, umz: ukuthelekelela, ukusebenzisa izandi, ukusebenzisa izikhokelo • Ukuphendula imibuzo ngesicatshulwa • Ukuchonga imvano-siphelo nesingqisho • ukuqhawula amagama abe ngamalungu • Ukuvakalisa izimvo zakhe ezivuselelwa sisicatshulwa **Ukufunda ukusombulula iipazili** • Ukupela amagama ngokuchanekileyo • Ukubonisa ukuqonda iintsingiselo zamagama **Ukuziqhelanisa nokufunda** • Ukufunda ngokukwazi, ukubiza amagama ngokufanelekileyo. **Ukuveza izimvo zakhe kwitekisi azifundele ngokwakhe /ngababini** • Ukuveza imvakalelo yakhe ngesicatshulwa/itekisi azifundileyo	**Ukubhala izivakalisi ezinemvano siphelo okanye umbongo olula esebenzisa isakhelo** • Ukubhala izibini zezivakalisi ezibude bulinganayo ezinemvano-siphelo. • Ukusebenzisa isingqisho nemvano-siphelo efanelekileyo • Ukusebenzisa ulwazi lwakhe lwamalungu amagama, umz ‘ ili-, ama- ‘, ukwakha isingqisho **Ukuziqhelanisa nokubhala** • Ukubhala amagama aqala ngesandi esifanayo, umz. ‘wathi qakatha qelele’ **Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama** • Ukusebenzisa imizobo okanye izivakalisi esebenzisa amagama okanye iinkcazelo ukubonisa intsingiselo	**Ukusebenza ngamagama** • Amagama anemvano ziphelo • Ukusebenzisa izimaphambili nezimamva ukwakha izibizo **Ukusebenzisa izivakalisi** • Ukusebenzisa uphawu lombuzo • Ukusebenzisa isikhuzo • Ukusebenza ngempawu zocaphulo kwintetho ethe ngqo • Ukusebenzisa ixesha langoku **Isigama kwisicatshulwa/kwitekisi ekhethiweyo** • Amagama athathwe kwitekisi ebifundwa eklasini/ebezifundela eyedwa

IBANGA LESI-4 IKOTA YESI-2				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI 1-2	**Ukuphulaphula amabali** Ukukhetha amabali ale mihla , amabali emveli, amabali elo xesha angeyonyani, ibali ngaye/ ubudelangozi/onwabisayo/ amangalisayo/angezinto eziyinyani Isicatshulwa/itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Thelekelela okuza kwenzeka • Ukubuza imibuzo elula • Ukubalisa ibali ngokulandelelana kweziganeko ngokufanelekileyo • Ukubiza abalinganiswa ngokufanelekileyo • Ukuvakalisa izimvo zakhe ngetekisi • Ukuqonda inkcazelo zomlomo ngokuchonga abalinganiswa • Ukunika izimvo zakhe ngebali **Ukubalisa iziganeko ngokuukulandelana** • Ukunxulumanisa namava akhe • Khethta isihloko esifanelekileyo • Ukunamathela kwisihloko **Ukuziqhelanisa nokuphulaphula nokuthetha** **Ukukhethaibe nye ukulungiselela ukuziqhelanisa** • Ukulinganisa isicengcelezo esilula, umbongo, ingoma elula • Ukuphendula ngokulinganisa kwimiyalelo • Ukudlala umdlalwana olula wolwimi	**Ukufunda ibali** Isicatshulwa/itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Phambi kokufunda : Thelekelela okuza kwenzeka ebalini ukusebenzisa isihloko nemifanekiso • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda, umz: ukuthelekelela, ukusebenzisa izandi, ukusebenzisa izikhokelo • Ukubuza aphendule imibuzo ngebali • Ukuchonga umxholo, abalinganiswa abaphambili nesimo sentlalo • Ukuvakalisa izimvo zakhe ngebali **Ukwenza imistyenzana ebhekiselele kwibali ekhangela ukuba balilandele na? (Ngomlomo/ukubhala**) • Ukuxoxa ngesigama esitsha esisuka kwisicatshulwa /tekisi ebifundiwe • Ukusebenzisa izichazi magama **Ukuziqhelanisa nokufunda** · Ukufunda ngokuvakalayo ukusebenzisa indlela yokubiza amagama efanelekileyo nangokubonisayo **Ukuveza izimvo zakhe kwitekisi azifundele ngokwakhe /ngababini** • Ukuveza izimvo zakhe kwitekisi azifundel e ngokwakhe /ngababini	**Ukubhala umyalezo** • Ukuchonga umxholo ochanekileyo • Ukusebenzisa uyilo olufanelekileyo • Bhalela umntu othile • Ukubhala igama lakhe kwisiphelo **Ukubhala ukubalisa kwakhona ngawe ukusebenzisa isakhelo, umz. 'Izolo ndi. . . . . Ndaza nda. . . . . '** Isicatshulwa/itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Ukusebenzisa isakhelo • Ukunxulumanisa namava akhe • Ukukhetha intloko • Ukunamathela kwisihloko • Ukubalisa iziganeko ngokokulandelelana kwazo • Ukusebenzisa isigama esahlukileyo **Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe** • Ukusebenzisa imizobo, izivakalisi, iinkcazelo okanye amagama ukubonisa iitsingiselo.	**Upelo neempawu zokubhala/ ukufunda** • Ukusebenzisa ulwazi lwakhe lonoobumba ukukhangela amagama kwisichazi-magama • Ukusebenza ngezibizo-'isinye nesininzi' • Ukusebenza ngesini sobuduna nesikhomokazi 'inkunzi-imazi' • Ukusebenza ngeentlobo zezibizo • Ukusebenza ngezichazi-isiphawuli nesibaluli • Ukwakha kulwazi lwakhe lwamaxesha –ixesha elizayo • Ukuhlahlela izivakalisi esilula-intloko, isivisa, injongosenzi **Isigama kwisicatshulwa/kwitekisi ekhethiweyo** • Amagama athathwe kwitekisi ebifundwa eklasini/ebezifundela eyedwa

IBANGA LESI-4 IKOTA YESI-2				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI 3-4	**Ukuphulaphula izicatshulwa/ iitekisi ezinika ulwazi umz. Ingxelo yemozulu/inkcazelo yendawo** Isicatshulwa/itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Ukuqonda iinkcukacha ezichanekileyo • Ukucacisa ulwazi alunikiweyo • Ukuchaza iziganeko • Ukunxulumanisa nezimvo zakhe **Ukuphulaphula uze uphendule imibuzo malunga nezalathiso ezilula** • Ukulandela izalathiso • Ukubonisa ukuqonda isigama esisetyenziswa kwizalathiso umz. ‘ekunene, ekhohlo, phezulu, phantsi **Ukuphulaphula iinkcazelo zezinto aze andule ukuchaza into** • Ukuchonga into echazwa ngendlela efanelekileyo • Ukusebenzisa igama elichanekileyo ukuchaza into • Ukusebenzisa amagama amatsha • Ukusebenzisa izichazi **Ukuziqhelanisa nokuphulaphula nokuthetha** **Khetha indlela ibe nye ukulungiselela ukuziqhelanisa** • Ukulinganisa isicengcelezo esilula, umbongo, ingoma elula • Ukuphendula ngokulinganisa kwimiyalelo • Ukudlala umdlalwana olula wolwimi	**Ukufunda itekisi ezibonwayo ezinika ulwazi,** **Umz. Umzobo, itshati/itheybhile/ imephu yengqondo/umfanekiso** Isicatshulwa/itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Phambi kokufunda : Thelekelela okuza kwenzeka ebalini ukusebenzisa isihloko nemifanekiso • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda, umz: ukufunda ngokukhawuleza • Ukuphendula nokubuza imibuzo • Ukuxoxa ngengcinga ephambili neenkcukacha ezichanekileyo • Ukucacisa ulwazi olukwisicatshulwa/ itekisi ebonwayo **Ukufunda isicatshulwa /itekisi ebonwayo, umz. ipowusta enesibhengezo esibhengeza isiganeko esiza kwenzeka** • Phambi kokufunda : Ukuxoxa ngomfanekiso • Ukucacisa ulwazi • Ukuxoxa ngenjongo yetekisi • Ukuxoxa ulwimi olusetyenzisiweyo • Ukuchonga uze uxoxe ulwimi olusetyenzisweyo, umz. umbala, ubungakani boshicilelo **Ukuveza izimvo zakhe kwitekisi azifundele ngokwakhe /ngababini** • Thelekisa iincwadi/izicatshulwa azifundileyo	**Ukushwankathela isicatshulwa/ itekisi yolwazi ngoncedo** • Ukufakela amagama ashiyiweyo kwisishwankathelo okanye kwitshati/ itheybhile/imephu yengqondo • Ukusebenzisa isigama esifanelekileyo • Ukusebenzisa amagama amatsha awafunde kwisicatshulwa/kwitekisi **Ukuzoba isicatshulwa/itekisi ebonwayo, umz ipowusta yesibhangezo** • Ukuchonga ulwazi olufanelekileyo • Ukusebenzisa uyilo olululo • Ukusebenzisa izixhobo zokuzoba itekisi ebonwayo, umz umbala, ubungakanani bamagama, imifanekiso. **Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magamaa sakhe** • Ukusebenzisa imizobo, izivakalisi, iinkcazelo okanye amagama ukubonisa iintsingiselo.	**Ukusebenza ngamagama** • Ukusebenzisa isinye nesininzi. Ukuqaphela izibizo ezintshintshayo nezingatshintshiyo xa zisiwa kwisininzi **Ukusebenza ngezivakalisi** • Ukuqonda ukusebenzisa izimnini • Ukusebenzisa ixesha langoku • Ukusebenzisa ixesha elizayo ‘ndiza kuhamba ngomso’ • Ukuqalisa ukusebenzisa ukuqonda ingxelo-ntetho **Isigama kwisicatshulwa/kwitekisi ekhethiweyo** • Amagama athathwe kwitekisi ebifundwa eklasini/ebezifundela eyedwa • Izifanokuthi (amagama anentsingiselo efanayo)

IBANGA LESI-4 IKOTA YESI-2				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI 5-6	**Ukuphulaphula amabali** Ukukhetha amabali ale mihla, amabali emveli, amabali eloxesha angeyonyani, ibali ngaye/ ubudelangozi/onwabisayo/ amangalisayo/angezinto ayinyani, Isicatshulwa/itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Ukubuza imibuzo elula • Ukubalisa ibali ngokulandelelana kweziganeko ngokufanelekileyo • Ukubiza abalinganiswa ngokufanelekileyo • Ukuvakalisa izimvo zakhe ngetekisi • Ukunika izimvo zakhe ngebali • Ukuchaza unobangela nesiphumo sentshukumo okanye isiganeko esithile **Ukubalisa iziganeko ngokuukulandelana** • Ukunxulumanisa namava akhe • Khetha isihloko esifanelekileyo • Ukunamathela kwisihloko **Ukunika inkcazelo yabantu/ abalinganiswa** • Ukuchaza inkangeleko yabantu • Ukusebenzisa amagama ambalwa amtsha abefundwe kwibalalna • Ukusebenzisa izichazi	**Ukufunda ibali** Phambi kokufunda : Ukuhelekelela okuza kwenzeka ebalini ukusebenzisa isihloko nemifanekiso • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda, umz: ukuthelekelela, ukusebenzisa izandi, ukusebenzisa izikhokelo • Ukuchonga uze uthethe ngesakhiwo sebali • Ukucacisa imfundiso yebali • Ukuchaza unobangela nesiphumo seentshukumo okanye iziganeko • Ukuchonga uze uxoxe ngengcinga ecalanye eukubonisa abantu abathile ngohlobo oluthile ebalini **Ukwenza imistyenzana ebhekiselele kwisicatshulwa (Ngomlomo/ ukubhala**) **Ukufunda umbongo/imibongo** • Phambi kokufunda : Thelekelela okuza kwenzeka ebalini ukusebenzisa isihloko nemifanekiso ngononophelo • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda, umz: ukuthelekelela, ukusebenzisa izandi, ukusebenzisa izikhokelo • Ukuchonga imvano ziphelo nesingqisho • Ukuqhawula amagama abe ngamalungu • Ukuvakalisa izimvo zakhe ezivuselelwa ngumbongo	**Ukubhala ibali ukusebenzisa isakhelo** • Ukuchonga umxholo wesihloko ochanekileyo • Ukusebenzisa uyilo olufanelekileyo • Ukusebenzisa isakhelo ngokufanelekileyo • Ukusebenzisa isigama esahlukileyo kuquka izihlanaganisi namanye amabinza • Ukuqaphela ukuba intetho yabalinganiswa ilandelelana ngendlela efanelekileyo • Ukusebenzisa igrama, upelo, iziphumlisi nezithuba phakathi kwemihlathi • Ukubhala iintsingiselo zamagama kwisichazi-magama sakhe **Ukubhala izivakalisi ezinemvano ziphelo efanayo** • Ukubhala izibini zezivakalisi ezinobude obulinganayo ezinemvano ziphelo • Ukusebenzisa isingqisho nemvano siphelo efanelekileyo • Ukusebenzisa ulwazi lwakhe lwezandi ukuvelisa isingqisho(uphinda-phindo lwezandi) **Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe** • Ukusebenzisa imizobo, izivakalisi, iinkcazelo okanye amagama ukubonisa iitsingiselo.	**Ukusebenza ngamagama** Upelo: Amagama anezandi ezi-2 ukuya kwisi -3 umz gx, gxw **Ukusebenza ngezivakalisi** • Ukuqonda ukusetyenziswa kwesinye nesininzi. Ukuqonda izibizo ezingenasininzi , umz ‘amanzi-amanzi’ • Ukwakhela kulwazi lwakhe lwezichazi • Ukuqalisa ukusebenzisa izihlomelo zobunjani, umz. ‘ Amanzi abandayo’ **Isigama kwisicatshulwa/kwitekisi ekhethiweyo** • Amagama athathwe kwitekisi ebifundwa eklasini/ebezifundela eyedwa

IBANGA LESI-4 IKOTA YESI-2				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI 5-6	**Ukuziqhelanisa nokuphulaphula nokuthetha** **Khethaibenye ukulungiselela ukuziqhelanisa** • Ukulinganisa isicengcelezo esilula, umbongo, ingoma elula • Ukuphendula ngokulinganisa kwimiyalelo • Ukudlala umdlalwana olula wolwimi • Ukuyila ezakhe iindaba Ukubalisa kwakhona ibali abelifundile	**Ukuziqhelanisa nokufunda** • Ukufunda ngokuvalakisa uthathela ingqalelo ukubizwa kwamagama, • Ukufunda ngokubonisayo nesantya sokufunda **Ukuveza izimvo zakhe ngetekisi azifundele ngokwakhe /ngababini** • Ukubalisa ibali kwakhona okanye ingcinga ephambili ngezivakalisi ezi 3 ukuya kwisi 5. • Ukuvakalisa imvakalelo yakhe nesicatshulwa/itekisi ayifundileyo.		

IBANGA LESI-4 IKOTA YESI-2				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
